WITZENBERG
Municipality • Munisipaliteit • UMasipala Wase

JULAYI / AGASTI -2025

# NEWSLETTER




## IWitzenberg ixhasa iSikimu sokuTyisa sendawo

Ngenyanga kaJulayi, phantsi komoya wokunika, uSodolophu, uKhansela Trevor Abrahams, uye wakhokhela ukunikelwa kwezinto ezingaboliyo kwiindawo zesisa ezisebenzayo nezifanelekielyo nezikumasipala jikelele. Eli phulo eblijonge ukuxhasa ngokukodwa kwiindawo ezinikela ngokutya kwabangenamakhaya ngokuzama ukuzinzisa iinzame zazo zokuqinisekisa ukuba abantu bayatyiswa. Eli liphulo laminyaka le elenziwa nguMasipala, ebambisene neOfisi kaSodolophu. Iindawo zesisa ezifanelekielyo ziyakhuthazwa ukuba zifake izicelo kwixesha elizayo.



**USUKU LUKAMANDELA LUKA2025:** USodolophu uTrevor Abrahams uye wazibandakanya nohambo lwe6,7km eBella Vista ngowe18 Julayi, ngoSuku lukaMandela. Lo mcimbi ubuququzelelwe kubanjiswene namaqela ngamaqela. Kuye kwafika iqela elikhulu labathathinxaxheba baza babonisa umoya woluntu, bekwanikela nangeengubo. USodolophu uAbrahams, egameni loMasipala waseWitzenberg, uye wanikezela ngeengubo kule projekthi.



## Ezisuka kuSodolophu

Ayikholeleki indlela okhawuleza ngayo lo nyaka, kwanokuba sesikuAgasti! Kodwa ke njengokuba sihlala sisitsho ukuba ixesha liyabaleka xa wonwabile usebenza nzima. Ibe ke siye saneenyanga ezixakekileyo kwezi nyanga zimbalwa zidlulileyo. Phakathi kwazo, ibhajethi yethu entsha yonyakamali ka2025/2026 iye yafezekiswa kwaza ukusetyenziswa kwebhajethi kwaqala kusetyenziswa ngomhla wokul kuJulayi; siye safikelwa ngabaphathiswa bakazwelonke nabephondo besiza kutyelela iiprojekthi ezikhethekileyo benikezela nangemali; sibhiyozele ulutsha lwethu ngeeprojekthi nezenzo ezikhethekileyo zoSuku loLutsha; Ooceba namagosa aye azimasa iiwekshophu ngeewekshophu, amaqumrhu neesamithi zikamasipala; nezinye nezinye. Ibhunga nalo libuyile kwikhefu elifutshane elingekho sikweni elihambelana neeholide zezikolo.

Kodwa siye sonwaba nokonwaba, sibhiyozela iKhrismesi yoBusika ngekhetshana elingephi ebeliphezu kweencopho zeentaba. Ndingathanda ukuvuyisana nezoKhenketho zaseTulbagh kunye nekomiti eququzelelayo ngokusisingathela enye yeyona minyhadala mikhulu yeKhrismasi yaseBusika yaseTulbagh eye yakhanyisa idolophu yaseTulbagh ngoJuni. Eli ibe lithuba elihle lokubonisa iimveliso neenkonzo zale ndawo, kwanokufaka imali kumashishini nabashishini bendawo, idolophu kunye neWitzenberg ngokubanzi. Siyabulela ngokusipha ulonwabo lweKhrismesi!

Kwezi nyanga zidlulileyo siye sagqiba iiprojekthi ezinkulu ezimbini: Izihluzi ezitsha zokucoca amanzi ezineentlobo zeesanti kunye neprojekthi yemibhobho yamanzi ebiza izigidi ngezigidi zeerandi eyenzelwe ukuqiniseksia ngokunikwa kwamanzi eWolseley neendawo eziyingqongileyo. Oku kuza kuqinisekisa ngokuzinza kokunikwa kwamanzi kwezi ndawo. Njengokuba kufezekiswe ezi zinto zinkulu kangaka, ndisajenge ngethemba kwizinto eziza kwesi siqingatha silandelayo salo nyaka.
UThixo anisikelele!

# UMasipala waseWitzenberg uvuma ibhajethi neIDP eHlaziyiweyo zonyakamali ka2024/2026

IBhunga loMasipala waseWitzenberg, lithe kwintlanganiso yebhunga ebichotshelwe ngowama30 Meyi, lavuma ibhajethi kamasipala yeR1,009 yeebhiliyoni yonyakamali ka2025/2026, ngokunjalo nesiCwangciso soPhuhliso oluBambiseneyo (iIDP) yeli thuba lifanayo ngokunjalo nemigaqonkqubo yezemali nemiba enxulumene nebhajethi.

Le bhajethi ivunyiweyo ibonisa ukuzimisela kukaMasipala okuqhubekayo malunga nolawulo lwemali olunoxanduva, ukunikwa kweenkonzo okusebenzayo kunye nophuhliso oluzinzileyo. Ikwaquka iingqikelelo ezibonisiwayo zeminyakamali ka2026/2027 no2027/2028.

Ngaphezulu, iBhunga livume ukufezekiswa kweereyithi zeepropati, iirhafu zikamasipala, amaxabiso neentlawulo njengoko zibekwe kwizizihlomelo ezifanelekielyo zonyakamali ka2025/2026. Iinjongo zentsebenzo ezinxulunyaniswe nokuqokelelwa kwengeniso kunye nenkcitho ngokwevoti nazo ziye zavunywa ngokusesikweni ukwenzela ukuxhasa ukuthatha uxanduva nokuba selubala kwizenzo zikamasipala.

Le Bhajethi ngokufutshane:

- Amaxabiso anyuke ngokuhambelana nokunyuka okubhajethelweyo kwizinto ezineendleko ezifana nokuThengwa koMbane omNinzi kunye nemiVuzo nemiRholo.
- Amanzi +5%; Ingeniso yeeReyithi zeePropati 8%; ukuThuthwa kweNkunkuma +5%.
- Ixabiso lokuqala leR150 000 kwiipropati ezithile lisaxolelwa kwiireyithi zeepropati.
- UMasipala uye wenza uphando lwamaxabiso ombane yaye kucetyiswa
- ukuba la maxabiso afezekiswe ukususela ngowoku1 kuJulayi, ngokuxhomekeke ekuvumeni nakwisikhokhelo seNersa.
- Ukuthengwa okuninzi kombane kuEskom kuza kunyuka nge11.32%.

IBhajethi namaxwebhu eIDP avunyiweyo ziyafumaneka kwiwebhusayithi kaMasipala apha: www.witzenberg.gov.za, ngokunjalo nakuzo zonke iiofisi zikamasipala.

**Electricity**
Tariffs increase by 11,32% for residential, commercial and industrial consumers
Operational spend R428 mil
Capital Investment R23 mil

**Roads**
Operational Spend
R21 mil
Capital Investment
R16 mil

**Refuse Removal**
Tariffs increase by 5%
Operational spend R91 mil
Capital Investment R1 mil

**Housing**
Operational Spend
R9 mil

**Sanitation**
Tariffs increase by 5%
Operational spend
R51 mil
Capital Investment R2 mil

**Water**
Tariffs increase by 5%;
Operational spend R61 mil &
Capital Investment R13 mil

**Administration**
Operational Spend
R179 mil
Capital Investment R3 mil

**Property rates**
Tariff increase by 8%
Tariffs to be determined by actual use of property

**Public Safety**
Operational Spend
R67 mil
Capital Spend R1 mill

**Community Services**
Operational Spend
R97 mil
Capital Investment R19 mil

## INKXASOMALI YEPHONDO LENTSHONA KOLONI YEZAKHIWO ZEZEMIDLALO

UMphathiswa wemiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo wephondo leNtshona Koloni usanda kunizekezela ngetshekhi kuSodolophu, uKhansila Trevor Abrahams. Le ngxowamali yegranti ixabisa iR957 227.63 iz akusetyenziselwa ukuphucula izakhiwo zezemidlalo eBella Vista. Ubambiswano phakathi koMasipala noRhulumente wePhondo lutyalomali kwiziseko ezingundoqo zezemidlalo ezilungiselelwe abantu abatsha nabanye ngokufanayo eWitzenberg.



LtoR Ald Karriem Adams, Ald Ronald Visagie, Executive Mayor Cllr Trevor Abrahams, Minister Ricardo Mackenzie, Deputy Mayor Cllr Jonathan Nel, Cllr Patric Daniels, Cllr Jacob Rooi


## Pay Your Municipal Account!

**Municipalities need a reliable source of revenue to provide basic services to all.It is important to pay your municipal account on time and in full. AVOID penalties, disconnection, debt! You CAN make a payment arrangement if in arrears.**




### BASIC MUNICIPAL SERVICES:

- Electricity
- Water supply
- Sewage collection + disposal
- Refuse removal
- Street lighting
- Law Enforcement
- Construction
- Roads + Sidewalks
- Drainage
- Facilities
- Buildings
- Parks
- Recreational facilities
- Cemetries
- Libraries
- Administration
- Finance

### PAYMENT METHODS:


CASH - CARD - EFT
SCAN - EASYPAY - RETAILERS

### BANKING DETAILS:

NAME OF ACCOUNT:
WITZENBERG MUNICIPALITY
NAME OF BANK:
FIRST NATIONAL BANK
BRANCH CODE: 200107
ACCOUNT NUMBER:
627 482 18444





WITZENBERG
Municipality • Munisipaliteit • UMasipala Wase

## INKQUBO ENTSHA YOLAWULO LWABANGATHATHINTWENI

### Hamba ngeDijitali ukusuka nge-1 ka Julayi 2025

Icandelo leeNkonzo zeNtlalo linebhongo lokwazisa ngenkqubo yethu entsha yokwenza izicelo zabangathathintweni nge elektroniki,eyaziwa njenge - IMS (Inkqubo yoLawulo lweNtloko).

Le yinxalenye ebalulekileyo ekuphuculeni iinkonzo zedolophu njengengxenye yoMgaqonkqubo wokufakwa kweTekhnoloji kwiMveliso yeWitzenberg kwaye mhlawumbi ngumbutho wokuqala onje ngalo eMzantsi Afrika.

### Okufanelwe Ukwazile

- Zonke izicelo ze-Indigent ngoku ziya kwenziwa kwiindawo zeenkonzo ze-indigent (apho uqhele ukwenza khona isicelo)
- Amaxwebhu aqhelekileyo axhasayo asafuneka, nceda ukhumbule ukuza nawa.
- Sicela umonde wakho kwinyanga yokuqala yokukhutshwa (ngo-Julayi), njengoko sisebenzela ukukhawulezisa kunye nokuphucula iinkonzo zethu kuni.

**Ingaba ukhona umbuzo ?**

023 316 1854

Letta Wessels
lwessels@witzenberg.gov.za

Marinda Muller
m.muller@witzenberg.gov.za

100 Voortrekker St, Ceres, 6835

## ISAZISO SESEBE LEZOTHUTHO: UKUNYUKA KWAMAXABISO!

### AMAXABISO OBHALISELO NOKUKHUTSHWA KWEELAYISENISI ZEZITHUTHI, IMIGAQO KA2025: UKUNYUKA OKUQALA NGOMHLA WOKU1 KUAGASTI 2025

Sicela ukunazisa ukuba uMphathiswa wokuThuthwa weNtshona Koloni, uMnu. Isaac Sileku, kwiGazethi yePhondo eKhethekileyo engunamba 9101 yomhla we11 Julayi 2025 epapashe ukunyuka kwamaxabiso obhaliso neelayisenisi zezihtuthi okuza kuqala ngowoku01 kuAgasti 2025.

Oku kuhambelana neelayisenisi zezithuthi ekufuneka zihlaziywe ukususela ngomhla woku01 Agasti 2025 (ezo layisenisi eziphelelwa ngowama31 Julayi 2025) ukuya phambili, nequlethe amaxabiso enyukileyo okukhutshwa kweziqinisekiso zokulungela indlela kwezithuthi.

WITZENBERG
Municipality • Munisipaliteit • UMasipala Wase

## Zilungiselele uBusika: Hlala uKhuselekile, Hlala unoLwazi

Njengenxalenye yeenzame zethu eziqhubekayo zokuphucula ukhuseleko loluntu ngobu busika, iCandelo lokuSindiswa emiLilweni noLawulo lweeNtlekele lingathanda ukwabelana nani ngezi ngcebiso zokhuseleko zingundoqo:

UKhuseleko lwemiLilo yaseNdlwini -

- Sebenzisa izixhobo zokuzifudumeza (iihitha, izitofu zeparafini, amakhandlela) ngobunono obungaphaya kokuqonda.
- Ungaze ushiye umlilo ovuthayo okanye ihitha engakhathalelwanga, ngakumbi xa usiya kulala.
- Gcina izinto ezitshayo kude neendawo ezibangela umlilo.
- Qiniseka ukuba zonke iintambo zombane azonakalanga okanye aziguganga.
- Ungaze usebenzise ioveni ukufudumeza ikhaya lakho.
- Zinxweme ekuplageni ihitha usebenzisa intambo etsala umbane kuba inokutshisa ngokugqithisileyo ize ibangele umlilo.
- Nqanda ukutyhefeka yiCO, ungaze uvulele ijenereyitha ngaphakathi endlwini okanye kwindawo evaliweyo, efana negaraji.

WITZENBERG
Municipality • Munisipaliteit • UMasipala Wase

The Witzenberg
**ENTREPRENEURSHIP**
Academy

**FREE TO ALL WITZENBERG RESIDENTS**

Free online short courses to help you start and grow your business **& LEARN NEW SKILLS**

SCAN QR CODE TO VISIT OUR WEBSITE

For any queries, contact the Manager:
Local Economic Development (LED) at
riaan@witzenberg.gov.za or the LED Officer at rachel@witzenberg.gov.za

**witzenberg.thestartuptribe.org**

# IKrisimesi eBusika '25 yazisa ubushushu basebusika!












## ISistim entsha yokuHluzwa kwamanzi okunoXinzelelo oluPhezulu ekhutshelwe iTulbagh

UMasipala waseWitzenberg uvuyiswa kukwazisa ukugqitywa ngempumelelo kweSistim yokuHluzwa kwamanzi okunoXinzelelo oluPhezulu, iprojekthi ebalulekileyo yeziseko ezingudnoqo eonge ekuqiniseni amandla okunikwa kwamanzi kule dolophu.

Le sistim isanda kufakwa inezihluzi eziyi16 UW Kombi 120, ezisebenza kunye ukuhambisa umthamo wokuhluzwa kweelitha ezingama53 ngomzuzwana kuxinzelelo oluphakathi kweebha ezi5. Impompo yokuxinzelela iqinisekisa ukuba amanzi angahluzwanga atyhalelwa kwindawo yokuhluza, kususwa iintlenge kunye nezinye izinto ezimdaka.

Akuba ehluziwe, la manzi afakwa ikloreyini aze agcinwe kuvimba wamanzi phambi kokuba adluliselwe eluntwini ngenethiwekhi yokuhambisa amanzi kamsipala.
Le projekthi iqalwe njengempendulo engqalileyo yokunyuka kwemfuneko yamanzi kule ndawo. Ngokuphucula iinkqubo zokuhluzwa nokuhanjiswa kwamanzi, uMasipala uqinisekisa ukuba abahlali bayaqhubeka nokuba nofikelelo kumanzi okusela acocekileyo nakhuselekileyo.

Ulwakhiwo luqale ngomhla wesi8 kuEpreli 2025 lwaza lwagqitywa ngowe15 kuMeyi 2025. Iindleko ezipheleleyo zale projekthi zibe malunga neR1.2 yezigidi. UMasipala ubulela bonke ababandakanyekayo ngentsebenziswano nokuzimisela kwabo ekuphuculeni iinkonzo ezingundoqo zabahlali baseTulbagh. ela yonke imibhobho egqabhukileyo, evuzayo, iingxaki zamanzi kunye nokuvaleka kweesureji apha 023 492 0181/2; WhatsApp 081 896 5480.

## Contact Us

WITZENBERG

EMERGENCY 023 492 0181 / 2

023 316 1854 (Switchboard)

081 896 5480

admin@witzenberg.gov.za

Witzenberg Municipality - Official

www.witzenberg.gov.za

*Funda ngakumbi kwiphepha likaFacebook: Christmas in Winter - Tulbagh*